Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva

Navrae
Enquiries
IMibuzo

Director: EMDC

Telefoon
Telephone
IFoni

Faks
Fax
IFeksi

Verwysing
Reference
ISalanthiso

15/2/11/4/10
20021106-0003

Wes-Kaap Onderwysdepartement

Western Cape Education Department

ISebe IeMfundo IeNtshona Koloni

ISETYHULA : 0022/2004
UMHLA WOKUPHELELWA : AWUKHO

IYA: **KUBALAWULI ABAZIINTLOKO, KUBALAWULI (KWANDLUNKULU NAKWII-EMDC), KUBAPHATHI BESEKETHE, KUBACEBISI NGEZEKHARITYHULAM ABAZIINTLOKO, KUBACEBISI NGEZEKHARITYHULAM NAKWIINTLOKO ZAZO ZONKE IZIKOLO ZIKARHULUMENTE, IZIKOLO EZIZIMELEYO, IZIKOLO ZE-ELSEN NAMAZIKO EMFUNDO YABADALA (ABET CENTRES)**

ISISHWANKATHELO ESIFUTSHANE: *Ukubhengezwa komgaqo-nkqubo nemigaqo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni ngokhuseleko kwisayensi yezikolo*

ISIHLOKO: UMGAQO-NKQUBO NEMIGAQO YESEBE LEMFUNDO LENTSHONA KOLONI NGOKHUSELEKO KWISAYENSI YEZIKOLO

1. Okuthunyelelwayo luxwebhu loMgaqo-nkqubo neMigaqo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni ngoKhuseleko kwiSayensi yeZikolo. Ekuqulunqeni lo mgaqo-nkqubo nemigaqo kwathathelwa ingqalelo izimvo (iikhomenti) ezavela kuluntu.
2. Olu xwebhu lucacisa imigaqo, imithetho namanyathelo amiselweyo ngumgaqo-nkqubo weSebe leMfundo leNtshona Koloni kunye nesicwangciso sokuphunyezwa kwawo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iSayensi ifundiswa ngendlela ekhuselekileyo kumaziko emfundo alo nokuba iikhemikhali ezigciniweyo zisetyenziselwa kuphela ukukwenza amalinge (experimental work) omsebenzi omiselweyo kwiingcaciso zekharityhulam kazwelonke ehlaziyiweyo. Lukwanika noluhlu lwezinto elizimisele ukuzenza eli Sebe leMfundo kunye nemigqaliselo emayilandelwe zizikolo.
3. Ayacelwa onke amaziko emfundo achaphazelekayo ukuba abe sele ekulungele ukuphunyezwa kwalo mgaqo-nkqubo nemigaqo ngowoku-1 Januwari 2005 ngokuthi
    - atyumbe amagosa okhuseleko lwezesayensi achaphazelekayo
    - anike ingcaciso yaye aqeqeshe ootitshala/abasebenzi abanoxanduva lokwenza lo msebenzi
    - enze amalungiselelo ayimfuneko aya kwenza iilabhoratri zaziwe njengeendawo ezikhuselekileyo.
4. Onke la maziko emfundo achaphazelekayo aza kuthunyelelwa ebudeni bonyaka incwadana esisikhokelo (manual) sokhuseleko kwisayensi yezikolo neya kwenza kube lula ukuphumeza lo mgaqo-nkqubo.
5. Olu xwebhu lukwafumaneka nakwiziko lewebhu loPhuhliso lwezeKharityhulam apha **http://curriculum.wcape.school.za/site/52/page/view/**. Imibuzo ingabhekiswa kumlawuli okanye kumcebisi ngezekharityhulam oyintloko okwi-EMDC yakho.
6. Kucelwa ukuba iintloko zamaziko emfundo zazise okubhalwe kule setyhula bonke ootitshala,

abazali, abagcini babafundi nabafundi ukuze bonke bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE:NGU-P.A. VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2004:04:10

Meld asseblief verwysingsnommers in alle korrespondensie / Please quote reference numbers in all correspondence /
Nceda ubhale iimombolo zesalathisa kuyo yonke imbalelwano
Grand Central Towers, Laer-Parlementstraat, Privaatsak X9114, Kaapstad 8000
Grand Central Towers, Lower Parliament Street, Private Bag X9114, Cape Town 8000

La maxwebhu alandelayo abhekisele kule setyhula.
Sebenzisa i-*Adobe Acrobat Reader*® ukuwafunda okanye ukuwaprinta.
Klikha kwisihloko esingezantsi: uxwebu luya kuvula i-*Acrobat Reader*® apho unokugcina okanye uprinte ikopi.
Ukubuyela kule setyhula, klikha kwi logo ye-*WCED Online* ephezulu kwesi sikrini.
IMIGAQO ELAWULA INKQUBO (grootte: 92 KB)

▲ nyuka

Close this circular | Maak omsendbrief toe | Buyela emva